Umthunywa

William Marrion Branham

Umthunywa

Kwi

Sigaba sebandla elise Lawodike

Isityhilelo 3:14-22

Isithunywa sebandla elise Lawodike, sibhalele uthi: Utsho uAmen, iNgqina eliThembekileyo, eliyiNyaniso, ingqalo yayo iNdalo kaThixo; ukuthi

Ndiyayazi imisebenzi yakho, ukuba akubandi, akushushu, akwaba ububanda, akwaba ubushushu.

Ngenxa enokuba ke udiki-diki, ungabandi, ungeshushu, ndiza kukuhlanza uphume emlonyeni Wam.

Ngokuba uthi, Ndisisityebi, ndizityebisile, andiswele nto; ube ungazi ukuba uludwayinge, ulusizana, ulihlwempu, uyimfama, uhamba ze!

Ndiyakucebisa, ukuba uthenge Kum igolide evuthiswe emlilweni, ukuze ubenobutyebi; neengubo ezimhlophe, ukuze wambeswe, lingabonakali ihlazo lobuze bakho; nentambiso yamehlo, uthambise amehlo akho, ukuze ubone.

Mna bonke endibathandayo ndiyabohlwaya, ndibaqeqeshe; zondelela ngoko uguquke.

Yabona, ndimi emnyango ndinkqonkqoza; ukuba uthe umntu waliva izwi Lam, waluvula ucango, Ndongena kuye, Ndidle naye, naye adle Nam.

Lowo weyisayo, Ndiya kumvumela ukuba ahlale Nam etroneni Yam, njengokuba Nam Ndeyisayo, Ndaza Ndahlala phantsi noBawo etroneni Yakhe.

Lowo unendlebe, makayive into ayithethayo uMoya kuwo amabandla.

Umthunywa

Ndiyathandabuza kakhulu kuso nasiphina isigaba ukuba saba nokumazi ngenene umthunywa awathi u Thixo wamthuma kuso, ngaphandle nje kwesigaba sokuqala apho uPawulos wayengumthunywa. Kwankqu kuso esosigaba abaninzi bathe abamnakana ngayo into awayeyiyo.

Ngoku ke thina isigaba esiphila kuso siza kuba sesifutshane kakhulu. Iziganeko ziza kuphuhla ngokuqupha, okugqithisileyo. Ke umthunywa kwesi sigaba sase Lawodike ufanele ukubalapha ngoku, nakubeni okwangoku hleze kambe asimazi. Ke ngokuqinisekileyo kuya kufuneka kubekho ixesha ayakuthi aye esazeka. Ngoku ndinganako ukuyiqinisela, lonto ngokuba sinaso isiBhalo esichaza ulungiselelo lwakhe.

Okokuqala kwako konke, lomthunywa uya kuba ngumprofeti. Uyakuba neofisi yomprofeti, uyakuba nolungiselelo loprofeto. Luya kuzinziswa qilimba phezu kweLizwi kuba xenikweni eprofeta okanye enombono iya kusoloko "isungulwe ngeLizwi" IYA KUSOLOKO ISENZEKA. Uya kunyanisiswa njengo mprofeti ngenxa yokuthi nqo kwakhe. Isiqiniselo sokuba ungumprofeti sifunyanwa kwi Sityhilelo 10:7, "Ke ngemihla yezwi lesesixhenxe isithunywa sezulu, xa sukuba siza kuvuthela ixilongo, iya kuzaliseka imfihlakalo kaThixo, njengoko Wazishumayelayo iindaba ezilungileyo kwabangabaKhe abakhonzi abaprofeti." Ngoku lomntu, ubizwa ngokuba "sisithunywa" kulevesi, Kwinguqulelo lwimi yokumkani uJames (King James Version) AKABOBUQU basezulwini, Isithunywa sesithandathu esivuthela ixilongo, esibubuqu basezulwini, sikwi Sityhilelo 9:13 nesesixhenxe esikwangolohlobo sikwi Sityhilelo 11:15. Esi sona apha kwi Sityhilelo 10:7, ngumthunywa weSigaba sesixhenxe engumntu, ekufuneka ezise umyalezo ophuma kuThixo, kube umyalezo wakhe nolungiselelo lwakhe luza kuzalisekisa imfihlakalo kaThixo njengoko wazishumayelayo iindaba ezilungileyo kwabangabaKhe abakhonzi, abaprofeti. UThixo uza kumphatha lomthunywa wokugqibela njengomprofeti NGOKUBA UNGUMPROFETI. Yinto leyo awayeyiyo naye uPawulos KwiSigaba sokuqala, nesigaba sokugqibela sikwanaye oku kwaso. Amosi 3:6-7, "Khona khe sivuthelwe na isigodlo phakathi komzi, bangothuki abantu? Khe bubekho na ububi phakathi komzi engabenzanga uYehova? Inene ayikhe yenze nto iNkosi uYehova, ingathanga iluhlakaze ucweyo Lwayo kubakhonzi Bayo abaprofeti."

Bekungexesha lesiphelo ukuza kwazo iindudumo ezisixhenxe zika Yesu. ISityhilelo 10:3-4, "Sadanduluka ngezwi elikhulu, ngathi yingonyama igquma, Sathi sakudanduluka, iindudumo ezisixhenxe zazivakalisa izandi zazo. Xa iindudumo ezisixhenxe zazivakalisayo izandi zazo, ndandizakubhala, ndaza ndeva izwi liphuma emazulwini, lisithi kum, Zitywine izinto ezizivakalisileyo iindudumo ezisixhenxe, ungazibhali zona." Zintoni ebe zikweza ndudumo akukho bani waziyo. Ke sidinga ukwazi. Kuya kuthabatha umprofeti ukufumana isityhilelo kuba uThixo akanandlela yimbi iyenye yokukhupha izityhilelo zaKhe zesiBhalo ngaphandle kokuba kungomprofeti. ILizwi soloko leza ngomprofeti

ekuya kusoloko kunjalo. Ngokuba lo ngumthetho kaThixo uyaqondakala nje kwanangethutyana lokuphenqululwa kwesiBhalo. UThixo ongaguquguqukiyo nendlela ezinga guquguqukiyo wayethumela ngokungahlukileyo umprofeti waKhe kuzo zonke izigaba apho abantu bathe balahleka kwisimo esingoThixo. Bekunye abafundi ngoThixo kwanabantu benxaxhile eLizwini, UThixo soloko wathuma isicaka saKhe kwaba bantu (ke ngaphandle kwabafundi ngoThixo) ukwenzela ukulungisa imfundiso yobuxoki aze abakhokele abantu ebabuyisela kuThixo.

Ke sibona umthunywa wesigaba sesixhenxe esiza, abe ungumprofeti.

Kungekuphela kokuba simbona esiza lomthunywa apha kwi Sityhilelo 10:7, sikwafumanisa nokuba iLizwi lithetha ngoEliya ozakufika phambi kokuba uYesu abuye. Mateyu 17:10, "Bambuza abafundi baKhe besithi, Yinina phofu ukuba ababhali bathi, uEliya umelwe kukufika tanci?" Uphendule ke uYesu wathi kubo, "Okunene kufika uEliya tanci, abuye azimise zonke izinto." Phambi kokufika kweNkosi yethu, uEliya umelwe kukubuyela umsebenzi wokumisa zonke izinto ebandleni. Oku khona kokuthethwayo ngu Malaki 4:5 esithi, "Yabonani, ndiya kuthumela kuni uEliya umprofeti ingekafiki imini enkulu eyoyikekayo kaYehova, Wobuyisela iintliziyo zoyise kubantwana, neentliziyo zabantwana kooyise, hleze Ndize Ndilichithe ilizwe ngokuliphanzisa." Akukho kuthandabuza kwaphela ukuba uEliya umelwe kukubuya phambi kokufika kuka Yesu. Unomsebenzi owodwa ekufuneka ewufezekisile. Lomsebenzi uyinxenye ka Malaki 4:6 othi "wobuyisela iintliziyo zabantwana kooyise." Unobangela wokuba sibenokwazi ukuba ngumsebenzi wakhe owodwa lona amakawenze ngeloxesha kungokuba sele eyifezekisile indawo ethi "wobuyisela iintliziyo zooyise kubantwana," xa udaba luka Eliya lwalu lapha kuYohane umBhaptizi. Luka 1:17, "Yena 'uya kuhamba phambi kobuso Bayo, enoMoya enamandla ka Eliya, ukuba azibuyisele iintliziyo zoyise kubantwana, nabangevayo kukho ukuqonda kwaMalungisa, alungisele iNkosi abantu abalungisiweyo." Kulungiselelo luka Yohane "iintliziyo zoyise kubantwana." Siyakwazi oko kuba uYesu utsho njalo. Ke ayitsho ukuthi iintliziyo zabantwana zobuyiselwa koyise. Leyo iseza kuthabatha indawo. Iintliziyo zabantwana bomhla wokugqibela ziya kubuyiselwa kooyise bePentekoste. UYohane ooyise wabalungisela uYesu ukuba abamkele ngaphakathi esibayeni abantwana. Ngoku lomprofeti uhla phezu kwakhe uMoya ka Eliya uya kulungisa abantwana bokwamkela uYesu ekubuyeni kwakhe.

UYesu umbize uYohane umBhaptizi, ngokuthi nguEliya. Mateyu 17:12, "Ke Ndithi kuni uEliya usel'efikile. Abamazanga, basuka benza kuye konke abakuthandayo." Okubangela ukuba ambize uYohane ngokuthi ngu Eliya, kungokuba kwa wona uMoya owawuphezu koEliya ubuyele phezu ko Yohane, kwanje-ngokuba kwa loMoya wawubuyele phezu ko Elisha emva kolawulo loKumkani uAhabhi. Ngoku kwakhona laMoya uza kubuyela phezu komnye umntu nje phambi kokuba uYesu afike. Lomntu uyakuba

ngu mprofeti. Uya kunyanisiswa kangangoko ngu Thixo. Kususel'ukuba uYesu engaz'ukubalapha ngokwaKhe ngokwenyama ukuba amnyanisise (njengoko Wenza njalo ku Yohane) iya kwenziwa ngo Moya oyiNgcwele ukuze ulungiselelo lwalomprofeti lube luya kutendwa lutyhileko olukhulu nolumangalisayo. Njengokuba engu mprofeti, sonke isityhilelo siyakunyanisiswa kuba sonke isityhilelo siyakwenzeka. Izenzo zamandla ezimangalisayo ziyakwenzeka ngezigunyaziso zakhe elukholweni. Kuya kwandula kuziswe umyalezo uThixo amnike wona eLizwini lokubuyisela abantu enyanisweni nasemandleni okwenene kaThixo. Bambi baya kuphula-phula, ke uninzi luya kuxhinela ngokwenyani ekumileleni lumale.

Kususela ukuba lomprofeti-mthunywa we Sityhilelo 10:7 ezakuba sekwantonye noMalaki 4:5-6 uyakuba nokufana noEliya noYohane ngokwemikhwa yasemvelini. Bobabini babengamadoda abekwe bucala kwizikolo zeenkolo ezazamkelwe zomhla wabo. Bobabini babengamadoda asentlango. Bobabini-babethabathisa kuphela xa beno "Itsho iNkosi," ophuma nqo kuThixo ngesityhilelo. Bobabini babe zibhexesha iindlela zeenkolo kwanenkokheli zomhla wabo. Ke asikuphela kokwakunjalo, babebhexesha nabo bonke ababe nobu qhophololo okanye babeya kuqhopholisa nabanye. Khawuqaphele, bobabini baprofeta gqitha ngokumelana nabafazi ababe ngazimasekanga kwanendlela zabo. UEliya waxwaxwa uIzabhele, yena uYohane wakhalimela uHerodiya umka Filiphu.

Nakubeni engayi kubabazwa, uyakunyanisiswa ngu Thixo. Njengokuba uYesu wangqinela uYohane ngokuba ngoyena, waza noMoya oyiNgcwele wangqinela uYesu ukuba ungoyena, singanako ukumlindela kakuhle lomntu uyakuba ngowokuqala wabo bonke ongqinelwa njengoyena nguMoya usebenza ebomini bakhe ngezenzo zamandla ezingenakuphikiseka nezi ngenakufunyanwa naphina; ekubuyeni, uYesu ngokwaKhe, uya kummisa njengoyena, njengokuba wammisayo noYohane njengoyena. UYohane wangqina ukuba uYesu uyeza,—uyakuba ngokunjalo nalomnntu, njengo Yohane, engqina ukuba uYesu uyeza. Kwankqu kona ukubuya kukaKristu kuya kuqinisekisa ukuba lomntu ngokwenene ebengumhlahli ndlela yokuza kwaKhe okwesibini. Esi sisiqondakaliso sokugqibela sokuba ngokwenene lona ngumprofeti ka Malaki 4, kuba isiphelo sexesha leentlanga iyakuba ngu Yesu, evela ngokwaKhe. Ngoko kwakuba sekumva kwabo bathe bamala.

Ukwenzela ukuhlengisela phambilana ukumbeka kwethu lomprofeti womhla wokugqibela, masiqaphele ngakumbi ukuba umprofeti ka Mateyu 11:12, yayi ngu Yohane umBhaptizi, owayengulowa uxelwe kwangaphambili kuMalaki 3:1, "Yabona Ndiya kuthuma umthunywa Wam, agece indlela phambi Kwam; Iyakuza ke ngesiquphe etempileni yaYo iNkosi leyo niyifunayo; kwa uMthunywa womNqophiso enimlangazelelayo; yabona, Uyeza, utsho uYehova wemikhosi." Mateyu 11:1-12, "Kwathi, xeshikweni uYesu ebegqibile ukubamisela abafundi baKhe abalishumi elinababini, Wesuka apho Waya kufundisa nokushumayela emizini yabo. Ke kaloku uYohane, eyiva esentolongweni imisebenzi kaKristu, wesusa babini kubafundi bakhe, wathi kuYe, Wena

unguLowo uzayo na, silinde wumbi kusinina? Waphendula uYesu wathi kubo, Hambani niye kumbikela uYohane izinto enizivayo nenizibonileyo; iimfama zibuya zibone, neziqhwala ziyahamba; abaneqhenqa bayahlanjululwa, nezithulu ziyeva, abafileyo bayavuswa, namahlwempu aya zishunyayezwa iiNdaba eziLungileyo. Unoyolo othe akakhutyekiswa Ndim. Bakubona ukuba bayemka aabo, waqala uYesu wathi kwizihlwele ngaye uYohane, N'aye niphuma nisiya kubona ntonina entlango? Yabe iyingcongolo na, izanyazanyiswa ngumoya? Naye niphuma nisiya kubona ntonina kodwa? Yabe ingumntu ovathe iingubo ezitofotofo na? Yabonani, abo bambatha ezitofotofo baba sezindlwini zokumkani bona, Naye niphuma nisiya kubona ntonina kodwa? Yabe ingumprofeti na? Ewe, ndithi kuni, node wagqithisa kumprofeti. Kuba lo ngulowo kubhaliweyo ngaye, kwathiwa, Yabona Mna Ndiyakuthuma isithunywa sam ngaphambi kobuso baKho, esiya kuyilungisa indlela yaKho phambi kwaKho. Inene Ndithi kuni, Phakathi kwabo bazelweyo ngabafazi, akuvelanga mkhulu kuno Yohane umBhaptizi, kanti ke nomncinane kwabanye ebukumkanini bamazulu mkhulu kunaye." Oku sele kwenzekile, Oku sele kwehlile. Kuqabele. Ke qaphela ngoku ku Malaki 4:1-6, "Ngokuba, yabonani, iyeza imini evutha njengeziko, baya kuba zindiza bonke abakhukhumali, nabenzi bonke bokungendawo, ibalenye loomini izayo, utsho uYehova wemikhosi, ingabashiyeli ngcambu nasebe. Ke kuni, nina baloyikayo iGama Lam, iLanga Lobulungisa Liyakuphuma, linophiliso emaphikweni aLo; niyakuphuma nidlobe, njengamankonyana asesitalini. Nibaxovule abangendawo; ngokuba baya kuba luthuthu phantsi kweentende zenyawo zenu ngemini eNdikwenzayo oku; utsho uYehova wemikhosi. Khumbulani umyalelo ka Moses umkhonzi Wam, eNdamwiselayo eHorebe ngokusingisele kumaSirayeli onke, imimiselo namasiko. Yabonani, Ndiya kuthumela kuni uEliya umprofeti ingekafiki imini enkulu eyoyikekayo ka Yehova: Wobuyisela iintliziyo zoyise kubantwana, neentliziyo zabantwana koyise, hleze Ndize Ndilichithe ilizwe ngokuliphanzisa." Khangela, kamsinya nje emva kokufika KWALO Eliya, umhlaba uyakucocwa ngomlilo abenzi bokungendawo balenywe babe luthuthu. Ewe, oku AKWEnzekanga kwixesha lika Yohane (uEliya womhla wakhe). UMoya kaThixo owaprofeta ukuza komthunywa ku Malaki 3:1 (uYohane) wawutsolisa kuphela intetho yaWo yesiprofeto engaphambili ka ISaya 40:3 eyenziwa malunga neenkulungwane ezintathu zangaphambili. "ILizwi lodandulukayo entlango, lisithi, Yityenenezeni indlela yeNkosi, tyenenezelani uThixo wethu umendo enkqantosini." Ngoku uYohane, uvakalise kunye uISaya noMalaki ngoMoya oyiNgcwele kuMateyu 3:3, "Kuba lo nguye awayethetha yena u ISaya umprofeti esithi, izwi lodandulukayo entlango, lisithi, Yilungiseni indlela ye Nkosi, wutyenenezeni umendo Wayo." Sinokubona kakuhle kwezi ziBhalo ukuba umprofeti ku Malaki 3, obe ngu Yohane, ebe NGEnguye umprofeti ka Malaki 4, nakubeni ngokwenzeka, *bobabini uYohane nalomprofeti womhla-wokugqibela beno Moya omnye phezu kwabo OWAwuphezu koEliya.*

Njengokuba lomthunywa ka Malaki 4 neSityhilelo 10:7 ezakwenza izinto ezimbini, Eyokuqala: Ngokuka Malaki 4 uya kubuyisela iintliziyo zabantwana kooyise. Eyesibini: Uya kutyhila iimfihlakalo zendudumo ezisixhenxe kwi Sityhilelo 10 ezizizityhilelo ezifakwe kumatywina asixhenxe. Iyakuba zezi "mfihlelo-zinyaniso zityhilwe ngobuThixo ezibuyisela ngoqobo iintliziyo zabantwana koyise bePentekoste. Kunjalo nqo.

Ke qwalasela kananjalo oku, Lo mprofeti-mthunywa kwimilo nemikhwa yakhe uyakuba njengoko babenjalo uEliya no Yohane. Abantu bomhla walomprofeti-mthunywa baya kuba njengoko babenjalo abomhla ka Ahabhi naboka Yohane. Kususela ukuba inga "BANTWANA KUPHELA" abantliziyo ziyakubuyiselwa, ngabantwana kuphela abaya kuphulaphula. Ngemihla ka Ahabhi ngamawaka asixhenxe 7,000 amaSirayeli yimbewu yokwenyani afumanekayo. Ngemihla ka Yohane nalapho babambalwa kakhulu. Inginginya kwezi zigaba zozibini yayi seluhenyuzweni lwezithixo.

Ndifuna ukwenza olunye uthelekiso kwakhona phakathi komprofeti-mthunywa welase Lawodike no Yohane, umprofeti-mthunywa owahlahlela ukuza kuka Yesu okokuqala. Abantu bomhla ka Yohane bamphazama ngokuba ungu Mesiya. Yohane 1:19-20, "Nabu ke ubungqina buka Yohane, oko amaYuda athuma ababingeleli naba Levi bephuma eYerusalem ukuze bambuze besithi, Wena ungubanina? Wavuma, akakhanyela, wavuma esithi, Andinguye mna uKristu." Ngoku lomprofeti-mthunywa womhla wokugqibela uyakuba nawona mandla phambi kweNkosi ngokokude kubekho abo baya kumphazama ngokuba yiNkosi uYesu. (Kuya kubakho umoya ehlabathini ngelixa lesiphelo oyakulukuhla bambi ubenze bakukholwe oku. Mateyu 24:23-26, "Kuba kuya kuvela oKristu ababuxoki, nabaprofeti ababuxoki, benze imiqondiso emikhulu nezimanga, ngokokude bathi, ukuba bekunokwenzeka, balahlekise nabanyuliweyo. Yabonani, Ndinixelele ngenxa engaphambili. Ukuba ngoko bathi kuni, Nanko entlango, musani ukuphuma niye, Nokuba bathi, Nanko emagumbini, musani ukukholwa.) Ke musa ukukholwa. Akanguye uYesu Kristu. Akanguye uNyana ka Thixo. NGOMNYE WAKUBAZALWANA, UMPROFETI, UMTHUNYWA, UMKHONZI KA THIXO. Akafuni kuthiwa jize ngeyona inkulu imbeko phezu kwakhe kunaleyo yazuzwa nguYohane xenikweni waye lilizwi elidandulukayo, "andiNguye, KE UYEZA EMVA KWAM."

Phambi kokuba sivale esi siqendu ngomthunywa wesigaba sase Lawodike. Kufuneka siqwalasele ngokuzimisela ezingcinga zimbini. Okokuqala, esi sigaba siyakuba nomProfeti-Mthunywa Omnye. ISityhilelo 10:7, sithi, "Xa sukuba siza (mnye) kuvuthela ixilongo." Akuzanga kwabakho sigaba apho uThixo wakha wanika abantu Bakhe abaprofeti ababini ngaxesha nye. Wabanika uEnoki (yedwa), Wabanika uNowa (yedwa), Wabanika uMoses (nguye yedwa obeneLizwi nakubeni abanye babeprofeta); UYohane umBhaptizi weza YEDWA. Ngoku kulomhla wokugqibela kuza kubakho uMPROFETI. (ayingo mprofetikazi-nakubeni kwelixesha bebaninzi abafazi abazibona benokuzisa isityhilelo sika Thixo kunamadoda),

iLizwi elingena kuphosisa lithi *yena* (umprofeti) uya kutyhila iimfihlakalo kubantu bexesha lesiphelo, abuyisele iintliziyo zabantwana kooyise. Kukho abo bathi abantu baka Thixo baza kuhlangana kunye *ngesityhilelo sabo bonke*. Ndiyicela umngeni lontetho injalo. Luluvo olunenkqayi, nolubuthathaka ebusweni be Sityhilelo 10:7. Ngoku andikhanyeli ukuba abantu baya kuprofeta kwelixesha lokugqibela namalungiselelo abo anako eyakub'engqalile. Andikhanyeli ukuba kuya kubakho abaprofeti kwanjengemihla ka Pawulos xa kwakukho "omnye umprofeti uAgabhas owaprofeta indlala." Ndiyavuma ukuba kunjalo. KE NDIYAKHANYELA PHEZU KWE SICACISO ESINGENA KUPHOSISA SELIZWI UKUBA BAKHONA NGAPHEZU KUNOMPROFETI-MTHUNYWA ONGENTLA ABAYA KUTYHILA IIMFIHLAKALO NJENGOKO ZISELIZWINI, NABANOLUNGISELELO LOKUBUYISELA IINTLIZIYO ZABANTWANA KOYISE. "Itsho iNkosi" Imi ngeLizwi Layo elingoyisakaliyo uyakuma anyanisiswe. Mnye umprofeti-mthunywa kwesi sigaba. Ngokuphathelele kwisimo sobuntu, nabanina uyazi ukuba apho kukho abantu abaninzi kukwakho noluvo olahlukahlukeneyo ngamanqakwana emfundiso engundoqo abayibambe kunye bebonke. Ngubani ngoko oyakuba namandla angenamposiso aseza kubuyiselwa kwesi sigaba sokugqibela, kuba esi sigaba sokugqibela siza kubuyela emva ekubonakaliseni uMtshakazi oliLizwi eliHlambulukileyo? Kuthetha ukuthi sizakuba ne Lizwi kwakhona njengoko lalinikezwe ngokugqibeleleyo, laqondwa ngokugqibeleleyo kwimihla ka Pawulos. Ndiyakukuxelela nguwuphi oyakuba nawo. Iyakuba ngumprofeti ngokunyanisiswe mpela, okanye onyanisiswe mpela nangaphezu kunaye nawuphina umprofeti owayekho kuzo zonke izigaba kususela ku Enoki ukuza kulomhla, kuba lomntu ngokwemfuneko uyakuba nolungiselelo oluluthweso litye lunoprofeto, uThixo uyakubonisa ngaye. Akazukufuna ukuzithethela ngokwakhe, nguThixo oya kumthethela ngelizwi lomqondiso. Amen.

Eyesibini ingcinga ekufuneka icinezelwe phezu kwentliziyo zethu yeyokuba izigaba ezisixhenxe zebandla ziqale ngqa ngomoya wobuchasikristu ngokunjalo noMoya oyiNgcwele Ozakuba noyolo ngonaphakade. I Yohane 4:1, "Zintanda, musani ukukholwa ngomoya bonke, bacikideni omoya ukuba ngabaka Thixo na: ngokuba baninzi *abaprofeti* ababuxoki abaphume bangena ehlabathini". Uyiqaphele? Umoya wobuchasikristu ufaniswa kunye nabaprofeti ababuxoki. Izigaba zingene kunye nabaprofeti ababuxoki kube ziyakuphela kunye nabaprofeti ababuxoki. Ngoku kambe kuza kubakho OYENA MPROFETI WOBUXOKI ngokwengqiqo ebazileyo ngalamntu uxelwe kwiSityhilelo. Ke ngokwangoku phambi kotyhilo lwakhe kuza kuvela abaprofeti ababuxoki abaninzi. Mateyu 24:23-26, "Ngeloxesha ukuba ubani uthe kuni, Nanku apha uKristu, nokuba uthe Nankuya phaya, musani ukukholwa. Kuba kuyakuvela oKristu ababuxoki, nabaprofeti ababuxoki, benze imiqondiso emikhulu nezimanga, ngokokude bathi, ukuba bekunokwenzeka, balahlekise nabanyuliweyo. Yabonani, Ndinixelele ngenxa engaphambili. Ukuba ngoko bathi

kuni, Nanko entlango, musani ukuphuma niye. Nokuba bathi, Nanko emagumbini, musani ukukholwa." Aba baprofeti babuxoki sibagqalelwe nakwezinye iziBhalo ezahlukahlukeneyo ezinjengezi zilandelayo. II Petros 2:1-2, "Ke kaloku, kwakukho nabaprofeti ababuxoki phakathi kwabantu, njengokuba naphakathi kwenu kuya kubakho abafundisi ababuxoki, bona baya kungenisa bucala amahlelo entshabalalo, bemkhanyela uMnini-ntozonke Owabathengayo bezizisela intshabalalo emsinya, Baninzi abaya kulandela intshabalalo yabo; eyakunyeliswa ngenxa yabo indlela yenyaniso." II Timoti 4:3-4, "Kuba kuya kubakho ixesha abangayi kuyinyamezela imfundiso ephilileyo, baya kusuka ngokweenkanuko zabo bazifumbele abafundisi, bebaba iindlebe; babeya kuzisonga zimke iindlebe kuyo inyaniso, baphambukele ke kuzo iintsomi." I Timoti 4:1, "Ke kaloku uMoya uthi ngokucacileyo, inxenye iya kumka elukholweni, ngamaxesha asemva, inyamekele omoya abalahlekisayo, neemfundiso zeedemon." Ngoku kuyo yonke indaba uyakuqaphela ukuba umprofeti wobuxoki ngulowo ungaphandle kweLizwi. Njengokuba sikubonisile ukuba "ubuchasikristu" buthetha "ubuchasi Lizwi" ke ababaprofeti babuxoki beza begqwetha iLizwi, belinika inkcaza elungele iziphelo zabo zokungendawo. Wakha waqaphela ukuba abantu abakhokelela abanye ekulahlekeni babathandela ngokubasondezela kubo ngoloyiko? Batsho nokuthi ukuba abantu abakwenzi abasukuba bebaxelela kona, okanye ukuba bayemka, ngoko ke intshabalalo iyakulandela. Bangabaprofeti ababuxoki, kuba umprofeti wokwenyani uyakusoloko ekhokelela ulowo eLizwini abathandelele abantu kuYesu Kristu akasokuze athi abantu mabamoyike okanye oko asukub'ekuthetha, mayibe kukoyika okuthethwa liLizwi. Qaphela ababantu ngokunjani ukuba njengoYuda bephumele imali. Bakwenza ukuba uthengise konke onakho ukuze unikele kubo namacebelelo abo. Balichitha ixesha elininzi eminikelweni kunase Lizwini. Abo bazama ukusebenzisa izipho baya kusebenzisa isipho esinomrhiba wobuthathaka kuso baze babize imali, balityeshele iLizwi baze bathi sesika Thixo. Abantu bayakuya kubo, babanyamekele, babaxhase, bakholelwe kubo, bengazi ukuba yindlela yokufa. Ewe, ilizwe lizele ngabalinganisi basenyameni. Ngomhla wokugqibela baya kuzama ukulinganisa lamprofeti-mthunywa. Onyana abasixhenxe baka Skeva bazama ukulinganisa uPawulos. USimon ixhwele lazama ukulinganisa uPetros, Izilinganiso zabo ziyakuba ngokwenyama. Abaz'ukubanakho ukuveza ayakuthi umprofeti wokwenyani akuveze. Xa sukub'esithi imvuselelo idlule baya kujikeleza bebhengeza isityhilelo esikhulu sokuba lonto abantu banayo ilunge kanye kube uThixo uzakwenza ezinkulu nezimangalisa ngakumbi izinto phakathi kwabantu. Abantu baya kuyilangazelela. Kwa aba baprofeti babuxoki baya kumisa ngelithi umthunywa womhla wokugqibela akaso sifundiswa, umele ukuba anga phula-phulwa. Abaz'ukubanakho ukuveza anakho umthunywa ukukuveza; abasokuze banyanisiswe nguThixo njengokuba lamprofeti womhla wokugqibela enjalo, ke ngamazwi abo azindumbisa nangonyalaso ngokukhankanywa kwabo zweni-banzi baya kubayala abantu

ukuba bangamphula-phuli lomntu (umthunywa) baya kuthi ufundisa tenxileyo. Babaleka ngqo ngenene kwikhondo looyise babo, abafarisi; ababe ngabomtyholi, kube batsho nokuthi uYohane kunye noYesu babefundisa gwenxa.

Ngoku kungani ukuba aba baprofeti babuxoki bezamana nomprofeti wokwenyani bayikhuhlele imfundiso yakhe? Kungokuba babaleka ngenene ekumileleni njengoko benza njalo okhokho babo xenikweni ngemihla ka Ahabhi bamelana noMikhaya; Babengamakhulu amane bona *baye bevumelana bonke; babethetha ntonye bonke babahibaza abantu.* Ke umprofeti *OMNYE—nje omnye*—wayengqalile baye bonke abanye uninzi lwalutenxile ngokuba uThixo wayenikele isityhilelo KOMNYE KUPHELA.

Balumkeleni abaprofeti ababuxoki, kuba bazingcuka eziqwengayo.

Ukuba ngaba usekuyo nayiphina intandabuzo malunga nalendaba cela uThixo ukuba akuzalise ngoMoya Wakhe, KUBA ABONA BANYULWA ABANAKUKHOHLISWA. Uyifumene leyo? Akukho namnye umntu onokunikhohlisa. UPawulos wayengena kubakhohlisa abanyulwa, xa ngaba wayetenxile. Kwesa Sigaba sokuqala sama Efese abanyulwa phaya babengena kukhohliswa kuba babalinga abapostile nabaprofeti ababuxoki babafumanisa bengamaxoki baza babakhupha ngaphandle. Haleluya. eZakhe izimvu ziyaliva ilizwi Lakhe zimlandele Yena. Amen. Ndiyayikholwa lonto.

INTSIKA YOMLILO

INtsika yoMlilo phezu kwentloko ka Mzalwana uBranham yafotwa eHouston, Texas, ngo Januwari 1950, yaza yampheleka okoko kususela ekuzalweni kwakhe ngo 1909. Kuthe kwinkonzo yobhaptizo emlanjeni oyi Ohio ngo 1933 eJeffersonville, Indiana, esi sibangi-Siqu sezulu sabonakala phambi kwamakhulu abantu sisithi kuye, "Njengoko uYohane umBhaptizi wahlahla indlela yokuza kuka Kristu okokuqala, nawe uya kuhlahla indlela Yokuza kwaKhe okweSibini."

Lomyalezo ngo Mzalwana uWilliam Marrion Branham. *UMthunywa neSiyalo sokuGqibela Sika Moya*, Uthatyathwe kwi sahluko se Sigaba seBandla elise Lawodike sencwadi yakhe emxholo uthi *UTyhilo lweZigaba Ezisixhenxe ZeBandla*, ishicilelwe khona apha ingahlatywanga madlala yanikiswa *ngaphandle kwentlawulo* yi Voice of God Recordings. Iguqulelwe kwi SiXhosa yashicilelwa ngo 1991.

Izikotisho ezingemva kumphandle wencwadi zikhutshwe ngaphakathi kulencwadi.

IMiyalezo yakuqala ngu Mzalwana William Marrion Branham irekodishwe kwiteyipu eziyimagineti nezingaphezu kwewaka elinekhulu esele zifumaneka, neziphinde zenziwa zingakhethwanga zimpazamo. Uninzi lwezi ntshumayelo zikwisimo sencwadi, zishicilelwe zingahlatywanga madlala zinikiswa *ngaphandle kwentlawulo.* Iteyipu, iincwadi, imiboniso bhanya-bhanya, iifoto, nolunye ulwaziso oluncedayo malunga no daba lwakhe elizweni-banzi ziyafumaneka ngembhalelwano:

VOICE OF GOD RECORDINGS, SOUTH AFRICA OFFICE
P.O. BOX 178, SOMERSET WEST, 7129 CAPE PROVINCE REPUBLIC OF SOUTH AFRICA
www.branham.org

Isiyalo sokugqibela sika moya

ISityhilelo 3:22, “Lowo unendlebe, makawuve uMoya into ayithethayo kuwo amabandla.”

Esi sisiyalo sokuGQIBELA. Akusayi kuphinda kubekho simbhi. Igumbi letrone selilungisiwe. Iziseko ezilishumi elinambini sezidekiwe. Izitalato zegolide sele ziletyeliwe. Obhazabhaza bamasango eeperile sele efakiwe ezihinjisini. Njenge phiramid umi umhle kangaka uzukile. Abasezulwini abawulungisileyo bawubukele ngokungaphefumlekiyo, kuba uyakhanya ubengezela bubuqaqawuli obungebo bomhlaba. Icala ngalinye lobunzwakazi bawo lenza ibali lobabalo olukhwankqisayo nothando luka Yesu. Ungumzi olungiselelwe abantu abalungisiweyo. Ulindele kuphela abahlali bawo, kamsinya baya kukroza izitalato zawo ngovuyo. Ewe, lubizo lokugqibela. *UMoya akayi kuthetha kwesinye isigaba*. Izigaba ziphelile.

Ke bulela uThixo, okwelithuba, esisigaba singaphelanga. Usakhwaza. Ukukhwaza kwaKhe ngoMoya Wakhe akukho kwindlebe zomoya zabantu kuphela, kuphindile umprofeti uselizweni kwakhona. Kwakhona uThixo uzakutyhila inyaniso njengoko Wenza njalo ku Pawulos. Ngemihla yowesixhenxe umthunywa, ngemihla yeSigaba se Lawodike, umthunywa waso uyakutyhila iimfihlakalo zika Thixo njengoko zatyhilwayo ku Pawulos. Uyakuthetha phandle, abo bamkela lomprofeti egameni lakhe baya kuzuza okulungileyo okuveliswe lulungiselelo lwalomprofeti. Abo bathi bamve yena baya kusikelelwa babe yinxenye yalomtshakazi womhla wokugqibela abaxeliweyo kwi Sityhilelo 22:17, “UMoya nomtshakazi bathi yiza.” Ukhozo lwengqolowa (iNgqolowa enguMtshakazi) eyawa emhlabeni eNayiseya ibuyela kwakhona kwiKhozo eliliLizwi lakuqala. Makabongwe uThixo ngonaphakade. Ewe, phula-phula ongqinelwe ngokuba ngoyena mprofeti ka Thixo ebonakala kwelixesha lokugqibela. Akuthethayo okuvela ku Thixo, umtshakazi uya kuthetha kona. UMoya nomprofeti nomtshakazi baya kuthetha ntonye. Lonto baya kuyithetha iyakube seyithethiwe kakade eLizwini. Bayayithetha ngoku, “Phuma phakathi kwakhe ngoku ube ngowahlukileyo.” Umkhwazo uphumile. Umkhwazo uyaphuma. Kode kube nini ilizwi likhwaza? Asazi, ke inye into esiyaziyo, akuzukuba kudala, ngokuba esi sisigaba sokugqibela.

Lowo unendlebe, makayive into ayithethayo uMoya kuwo amabandla. UMoya uthethile. Ilanga eliya kutshona selisekubeni linyamalale kwinaphakade malunga nezigaba zebandla. Kwandule ibe yonke into idlule. Ngoko ke kuyakube sekumva gqitha ngokuza. Ke ukuba kuthe ndaweni ithile kwalapha kwezi zivandlakanyo. Abe uThixo usebenzene nawe ngoMoya Wakhe, ubunga ungaphethukela Kuye enguqukweni nangoku unikele ubomi bakho Kuye athi ngoMoya Wakhe Abe nokukunika ubomi obungunaphakade.

“ITSHO INKOSI”

“izwi lomthunywa wesixhenxe”

“mnye umprofeti-mthunywa kwesisigaba”

“amandla okungaphosisi”

“ulungiselelo oluluthweso litye lunoprofeto”

“umprofeti-mthunywa we Sityhilelo 10:7”

“usekwantonye no Malki 4:5-6”

“onyanisisiweyo nguThixo”

“wangqinelwa ngu Moya”

“umhlahli ndlela yokuza kwaKhe okwesibini”

Ilungelo lombhali elilelakhe lokushicilela

Onke amalungelo agciniwe. Le ncwadi ingaprintwa kwiprinta yasendlini ukwenzela ukuba isentyenziswe okanye kunikezwe ngayo, ngaphandle kwentlawulo, njengesixhobo sokukhawulezisa iVangelli kaYesu Kristu. Le ncwadi ayinakuthengiswa, yenziwe kwakhona ngesixa esikhulu, ifakwe kwi website, igcinwe kwindawo apho inokukhutshwa khona, itolikelwe kwezinye iilwimi, okanye isetyenziselwe ukurhwebesha imali ngaphandle kwemvume echaziweyo ngombalo ephuma eVoice Of God Recordings®.

Ngeechukacha ezithe vetshe okanye malunga nezinye izinto eziphathekayo, nceda qhagamshela:

Voice Of God Recordings
P.O. Box 950, Jeffersonville, Indiana 47131 U.S.A.
www.branham.org